# Sahluke Pina Tina ku Kayin?

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Halahoyi! Ma-Afrika nalo ke ivumba
Linukisa okwenyoka yomlambo
Sihluke pina tina ku Kayin
I hadubhadu! Lokup'alap'ala.

Taru! Afrika zwe lo mbango mbuso
Tina bamnyama asisevi butongo
Yindaba ngati bayashomayo zona
Vumani madoda! Taruni Zintombi.

Yenzani isijwili nesikalo
Nikumbule ukuba niyinzelo apa
Eyashiywa ke ngobawo entilini
Yaza yaba sisisulu sangcuka.

Mfondini wotutu lwakud' e Afrika
Wazonela ngani pambi ko Yehova
Nalo ke ne Chi na lize ngemitombo
Nango nama Kula, Mama, Banana he.

Ulibhadubhadu njengo Kayin
Asivi ngandaba sibona ngamehlo
Imfundo kodwa yona iyaq'uba
Nengonyama yobumnyama isagquma.

Pongoma ngokwenkomo ezigxwayib ni
Kuba ungenadlelo ngamadlagusha
Ngati apa uliramncwa lase mzini?
Noko o Lukanyo lweza kusidukisa.

I Afrika yadalelwa wena ka Ntu
Intsuku zada zantandatu idalwa
Ngako oko iyi Kanana kuwe
Izulu asilolako lele Ngilosi.

M'sukufukama pezu kwenyaniso
Ufane uz nza ongase namlomo
Irabaxa impato ijica nengcingo
Mandiyeke ndakucaza ndobindeka.

Unazo nempawu zibuz'imvelapi
Siyinguwe na? Ngoku ongumfiki apa?
Andikupinda nditshilo nje nditshilo
Beza amehlo kade ndandibona.

Uajangondwendwe namhlanje e Afrika
Sowuhemba nbuta amabibi
Hluba ik'hak'ha lilo izwe loyihlo
Lusi sivivinya sayo imishologu.

Gquba kube mdaka, Mdaka we Afrika
Njengo Moses epuma e Jipete
Kawuyek' ukubaza nantso i Afrika
Isi siviviuya sayo imishologu

Xa ndilapo intliziyo ibuhlungu
Siyi leli yokukwela Isizwe
Namhlanje sesetuka kokudala
Saginywayo! Vumani! Siyavuma!
Ewe! Siyavuma!